Isalathiso: 20171128-7376
13/12/2
Imibuzo: MG Cameron, N Kanase

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0021/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zeCandelo laBanika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukumakishwa kwakhona, ukutshekishwa kwakhona nokubonwa kweencwadi zeempendulo: zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(National Senior Certificate*) zango-2017, ezeemviwo zokuXabangela zangoFebruwari/Matshi 2018, ezeemviwo zeSatifikethi seMatriki (*Senior Certificate*) nezeeMviwo ze*ABET Level 4*

1. Ukwenjenje kukwazisa ukuba ukubhalisa ngekhompyutha ukwenzela ukumakishwa kwakhona, ukutshekishwa kwakhona nokubonwa kweencwadi zeempendulo, konke oku kuyafumaneka kwiziko lewebhu www.eservices.gov.za. Abaviwa abangenaso isazisi esiyi-ID saseMzantsi Afrika mabafake iifom zesicelo ngokwabo kuNdlunkulu eKapa. Ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu kunokungenwa kwiziko lewebhu (http://wcedonline.westerncape.gov.za) leSebe leMfundo leNtshona Koloni (le*WCED*).

2. **Ukumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo**

2.1 Izicelo zokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo, nemali emiselweyo eyi-R98,00 ngesifundo ngasinye mayifike e*WCED* ngomhla okanye phambi komhla wokuvala kokwamkelwa kwezicelo. Akukho sicelo sokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo kuya kunikwa ingqwalaselo ngaphandle kokuba isixa-mali esimiselweyo sihamba nesicelo eso lingadlulanga ithuba lexesha elikhankanyiweyo.

2.2 Umhla wokuvala wokwamkelwa kwezicelo zokumakishwa kwakhona kwamaphepha eempendulo angoNovemba 2017 ngowe-19 Januwari 2018.

2.3 Umviwa ngamnye uya kwaziswa ngesiphumo okanye ngokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo phambi kowe-31 Matshi 2018.

3. **Ukutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo**

3.1 Bavumelekile abaviwa ukuba benze izicelo zokutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo zabo ukuqinisekisa ukuba zonke iimpendulo zamakishwa aza amanqaku adityaniswa afakwa ngokuchanekileyo.

3.2 Isicelo sokuba iincwadi zeempendulo mazitshekishwe kwakhona masenziwe zingadlulanga iintsuku eziyi-14 zokupapashwa kweziphumo. Intlawulo yi-R23.00 ngesifundo ngasinye yaye ayibuyiselwa (*non-refundable*).

3.3 Abenzi-sicelo baya kwaziswa ngencwadi ebhaliweyo ngeziphumo zokutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo. Apho kufanelekileyo, kuya kukhutshwa iNgxelo yeZiphumo efakelwe izilungiso (*amended Advice of Results*).

4. **Ukubonwa kweencwadi zeempendulo**

4.1 Ukuba abanelisekanga sisiphumo **sokumakishwa kwakhona**, kweencwadi zeempendulo, abaviwa banokufaka izicelo zokuzibona iincwadi zeempendulo zabo ngentlawulo eyi-R192.00 isifundo ngasinye. Le ntlawulo ayibuyiswa.

4.2 Makungeniswe isicelo esibhaliweyo, esinika isizathu (izizathu) esicacileyo sokwenziwa kwesicelo eso, kwiNtloko yeSebe leMfundo zingadlulanga iintsuku eziyi-14 zokupapashwa kweziphumo ngokusemthethweni. Akukho zicelo ziya kuthathelwa ingqalelo emva kwaloo mhla.

4.3 Umviwa kunye/okanye umzali wakhe (abazali bakhe) okanye umgcini wakhe uya kuvunyelwa ukuba ayibone incwadi yeempendulo (iincwadi zeempendulo) yomfundi echaphazelekayo yaye unako ukufaka isikhalazo lingadlulanga ithuba lexesha leentsuku ezisixhenxe ukuba akakade abe wanelisekile ziziphumo zakhe. I*WCED* iya kuthi emva koko ithathe isigqibo sokugqibela ngokumalunga neziphumo.

5. **Ukubuyiswa kwentlawulo yokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo**

5.1 Iintlawulo ebezihlawuliwe zokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo zaso nasiphi na isifundo, ziya kubuyiswa ukuba, ngenxa yokumakishwa kwakhona kwazo, umviwa lowo:

(a) uyasipasa isifundo okanye izifundo ebezitshonile kuqala; okanye

(b) uzuza amanqaku aphucula iziphumo kwisifundo ubuncinane ngenqanaba elinye.

5.2 Ukubuyiselwa kweentlawulo zokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo kuya kwenziwa kwakuba nje kugqitywe inkqubo yokumakishwa kwakhona kwazo zonke izifundo.

5.3 Kubaluleke gqitha, ke ngoko, ukuba irisithi ekhutshwe njengobungqina bentlawulo yemali yokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo, igcinwe kwindawo enqatyisiweyo.

5.4 Kwimeko apho kufuneka kubuyiselwe intlawulo, kufunwa ifom **ye*BAS*** yentsusa enokukhutshelwa (*downloaded)* kwiziko lewebhu le*WCED* yaye inokuthunyelwa ngeposi okanye isiwe ubuqu e*WCED* ukuze ifumane ukuqwalaselwa.

6. **Izicelo**

6.1 Abaviwa abanesazisi i-*ID* esemthethweni yase*M*zantsi Afrika:

Isicelo sokumakishwa kwakhona okanye ukutshekishwa kwakhona masenziwe kusetyenziswa inkonzo yokubhalisa kwikhompyutha apha www.eservices.gov.za.

6.2 Abaviwa abangenaso isazisi i-*ID* esemthethweni yase*M*zantsi Afrika:

Isicelo masingeniswe ku*N*dlunkulu we*WCED* e*K*apa (kwi*C*andelo la*B*enzelwa ii*N*konzo, kumgangatho wesibini, e*Grand Central Towers*) ukwenzela ukuba sibe nokuqwalaselwa ngu*M*nu Mark Cameron.

<u>Ukuba isicelo siza kuthunyelwa ngeposi makusetyenziswe le dilesi ilandelayo</u>:

Head: Education
Attention: Mr Mark Cameron
Western Cape Education Department
Private Bag X9114
CAPE TOWN
8001

6.3 Imali zokumakishwa kwakhona, ukutshekishwa kwakhona nokubonwa kweencwadi zeempendulo zinokuhlawulwa ngqo kwi-akhawunti yebhanki yase*WCED* (makujongwe iinkcukacha kwifom yokwenza isicelo kwicala lasekunene eliphezulu kwifom).

7. **Imibuzo**

Iifom zinokukhutshelwa kwiziko lewebhu le*WCED* okanye zicelwe kwezi nombolo zoqhagamshelwano zilandelayo:

021 467 2952: N Kanase
021 467 2459: K Darvel
021 467 2591: C Theunissen

Iziko lewebhu le *WCED*: http://wcedonline.westerncape.gov.za

ISAYINWE NGU: PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2018-01-02